PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VAKALISA ULUVO LWAKHO

IKHWELO LOKUBA KUBANJWE IINDIBANO ZOLUNTU ZOVAKALISO-ZIMVO IKOMITI YEMICIMBI YESEBE YEZOLIMO, AMAHLATHI NEZOKULOBA

Ngokuhambelana nenjongo endundoqo yePalamente yokuququzelela intatho-nxaxheba nobandakanyeko loluntu kwiinkqubo zowiso-mthetho, iKomiti yeMicimbi yeSebe yezoLimo, amaHlathi nezokuLoba iza kubamba iiNdibano zoLuntu zoVakaliso-zimvo ePalamente ngokubhekiselele kuMthetho-sihlomelo oYilwayo weeMveliso zoTywala [B10 – 2016], uMthetho-sihlomelo oYilwayo wamaHlathi eSizwe [B11 – 2016] kunye noMthetho-sihlomelo oYilwayo woMlilo wamaDlelo nowamaHlathi eSizwe [B22 – 2016] ngoLwesibini, umhla we-15 nangoLwesithathu, umhla we-16 kweyeThupha 2017.

KUMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO WEEMVELISO ZOTYWALA [B10 – 2016]

UMthetho-sihlomelo oYilwayo weeMveliso zoTywala [B10 – 2016] uzama ukufakela izihlomelo kuMthetho weeMveliso zoTywala, wowe-1989 (uMthetho onguNomb. 60 wowe-1989), ukuze kube nokufakelwa iinkcazo ezithile kwaye kuhlonyelwe ze kucinywe ezinye; ukubonelela ngokuthiywa ngokutsha kwanokutyunjwa ngokutsha kwamalungu eBhodi yoTywala beWayini kunye nobuneSpirithi, kunye nokuqingqa amagunya ayo; ukubonelela ngemiqathango enxulumene nebhiya, utywala besintu kwakunye nezinye iziselo ezimfaxangiweyo; ukubhangisa isibonelelo esinxulumene nokumiselwa njengezigunyaziswe ngokusemthethweni iimveliso ezithile zotywala; ukugunyazisa uMphathiswa ukuze abe nokumisela umntu oza kukhupha iziqinisekiso zokuthunyelwa kumazwe angaphandle kweemveliso zotywala; ukulungelelanisa izibonelelo ezithile ukuze zihambelane noMgaqo-siseko; ukunabisa amagunya oMphathiswa okwenza imimiselo; ukubonelela ngesigama esimisela ulingano ngokwesini; kunye nokulungiselela imiba enxulumene noko.

KUMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO WAMAHLATHI ESIZWE [B11 – 2016]

UMthetho-sihlomelo oYilwayo wamaHlathi eSizwe [B11 – 2016] uzama ukufakela izihlomelo kuMthetho wamaHlathi eSizwe, wowe-1998 (uMthetho onguNomb. 84 wowe-1998), ukuze ube nokubonelela ngeenkcazo ezicacileyo zamahlathi endalo kunye namahlathi angashinyene kuyaphi; ukubonelela ngokuba uluntu lube ngabathenjwa abanonophela amahlathi esizwe; ukwandisa ukukhuthazwa nokunyanzeliswa kolawulo lwamahlathi oluya kuhlala luqhuba; ukwandisa amanyathelo ekubonelelwe ngawo kuMthetho ukulawula nokulungisa ukutshatyalaliswa kwamahlathi; ukubonelela ngezibheno kwizigqibo ezithathwe phantsi kwamagunya nemisebenzi athunywe yona othile ngulowo uphetheyo; ukungqina izenzo ezinxamnye nomthetho nezohlwayo; kunye nokulungiselela imiba enxulumene noko.

KUMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO WOMLILO WAMADLELO NOWAMAHLATHI ESIZWE [B22 - 2016]

UMthetho-sihlomelo oYilwayo woMlilo wamaDlelo nowamaHlathi eSizwe [B22 - 2016] uzama ukufakela izihlomelo kuMthetho woMlilo wamaDlelo nowamaHlathi eSizwe, wowe-1998 (uMthetho onguNomb. 101 wowe-1998), ukuze kube nokufakelwa izihlomelo kwaye kufakelwe iinkcazo ezithile; ukubonelela ngokuba kulungiselelwe ukusekwa kwemibutho yokhuselo kumlilo ngumasipala okanye libhunga lemveli; ukunyanzela umasipala, ishishini likarhulumente, amaziko karhulumente okanye elinye iziko loMbuso elinomhlaba ukuba lizimanye nemibutho yokhuselo kumlilo; ukunabisela kumagosa oxolo neenkokheli zemveli amagunya okungena, okusetsha, okuthimba kunye nokubamba; ukufakela isihlomelo kwisihloko salo Mthetho sibe nguMthetho woMlilo wamaDlelo eSizwe; kunye nokulungiselela imiba enxulumene noko.

Abantu abanomdla kunye namaqela anomdla anqwenela ukuphefumla ngale Mithetho iYilwayo ikhankanywe ngentla ayacelwa ukuba athumele iziphakamiso ezibhaliweyo kwiKomiti yeMicimbi yeSebe ungadlulanga uLwesihlanu, umhla wesi-4 kweyeThupha 2017. Abachaphazelekayo abanomdla ekwenzeni ingcaciso yomlomo nabo bayacelwa ukuba benze isicelo esibhaliweyo okanye baqhagamshelane neofisi yethu ungadlulanga uLwesihlanu, umhla wesi-4 kweyeThupha 2017.

Yonke imbalelwano kufanelle ibhekiswe ku**Nks Machwene Rosina Semenya**, uSihlalo weKomiti yeMicimbi yeSebe yezoLimo, amaHlathi nezokuLoba kwaye iphawulwe njengejoliswe ku**Nks Albertina Kakaza**, PO Box 15, Parliament of South Africa, Cape Town, 8000 okanye ithunyelwe ngeimeyile ku **akakaza@parliament.gov.za** okanye ngefeksi kule nombolo: **086 694 3529**, yomnxeba: **(021) 403 3765** okanye **083 709 8391.**

Sikhutshwe ngu: Nks Machwene Rosina Semenya, iLungu lePalamente uSihlalo weKomiti yeMicimbi yeSebe yezoLimo, amaHlathi nezokuLoba.